

Imvo Zabantsundu

(NATIVE OPINION.)

Authorised Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories,

IXABISO 3d.]

KING WILLIAMS TOWN NGOLWESI-NE, JULY 17, 1890.

[No 296

IXESHA LO MCHEBO!

Ihempe zamadoda ezinamaqosha e perile 1/6 inye.

Ibhulukwe ze stofu 3/, 5/ inye.
Ibhatyi zamadoda 5/, 6/9 inye.
Ibhatyi ze twidi emnyama 15/, 18 6 inye.

Ilokwe Zokutshata, Iminqwazi Tokutshata, YONKE Impahla Yoku-tshata

BEAUCHAMP, BOOTH & CO

E-QONCE, KING WILLIAMS TOWN.

BON MARCHE

[Apo Kutengiswa impahla entle ngamanani angemakulu],

E-GBAHAM'S TOWN.

Saneke ltyali ezitshipu kanye, ifishini ezona zintsha, ziqala kwi 3/- inye.
Ikaliko Emhlope ne Brown, iqala 21/2d- yd.
Amicako etungelwa kwi Blanket, iqala 41/2d. yd.
Ezona Ntlobo zintsha ze Print, 3d., 41/2d., ne 6d. yd.
Iqiya ze Keshemiya. Ezimnyama nezamanye amabala inye.
/blanket so boy a siqala 51- inye.
Amabhayi 2f lilinye; i Cotton Sheets 116 inye.

YONKE IMPAHLA YABATSHAKAZI !!

I Dress zenziwa apa, ngezona ndlela zigqitiseleyo, yi Ledi esanda ukuvela e-England.

INGUBO ZAMADODA.

IBHULUKWE ZE KODI, ziqala 5s. inye.
IBHATYI ZE KODI, ziqala 10s. inye.
IBHULUKWE ZE STOFU (Tweed), ziqala 2s. Ud. inye.
IBHATYI ZE STOFU, ziqala 6s. inye.
ISUTI Emhlalayo umfana ifishini entsha, 21s.
IHEMPE, Is. inye.

Oze kutenga apa ngokwalatiswa yi " Imvo " maze akuxele oko. Ukuba utenge ngexabiso eligqite kwi ponti enye uyakubuye ayinikwe isiheleni ngeponti nganye.

JOHN. W. BAYES & CO.,

Kwi Kona ye Bathurst Street ne Church Square,

GRAHAM'S TOWN.

Inyama ne Zonka,

iNento ezinjenge kofu ne swekile zitengeni ko

BOURKE no MARSH,

E Nyutawini nakwisitalato esipambi

kwe ofisi ngase mcantcatweni.

„Ibhatyi „ „ „ 9/TIMOTHY .K. MAYISELA & CO.

„Ioundulubhatyi „ „ „ 3/3 Bavule IVENKILE ngo 7th April, 1890, e

„Ibhulukwe „ „ „ 6/ DULCIES NEK, HERSHEL.

Ibhatyi ne Bhulukwe ze Kodi

(ZAMANANI ONKE.)

INTLOBO EZINTSHA ZETYALI.

[suti Zetwidi emnyama zamadoda

(ZAMANANI ONKE.)

Iminqwazi, Izandla, Amaqhina, Ibiankete, njalo-njalo.

IMPAHLA IZINTSHA EZIYI FISHINI

(Ngo Stemele bonke.)

DYER NO DYER,

KING WILLIAMS TOWN.

EKA GRAY
Incindi Epitikeziweyo

—YE—

LINSEED NE

HOREHOUND.

Lelona Yeza le NKOHLOKOHOLO
INGQELE, nazo zonke Izikuhlane
zo MQALA ne MIPUNGA.

1/6 NGE BHOTILE.

LITUNYELWE NGE POSI.

Ngamanani Nanganye kwa
P. GRAY, Chemist and Druggist,
CAMBRIDGE ROAD,
KING WILLIAMS TOWN.

ISAZISO.

NDIYA waaisa umzi wakowetu ose Maxboseni, Embo, e Natala nase Dayimani, ukuba mna, ugama lingeantsi, ndivule Ikaya Labahambi apa. Yeyona ndlu ikufupi ne Railway Station, e Kowie Street, kufupi ne bhuloro ekutivra yi Dundas Bridge, apo nofumanisa kona impato efanelekileyo, izixbaso nokulala okufanelekileyo, ngamanani apantsi kakulu. Kuko nesitali samahasbe esine groom epapame kunene,
ROBERT XHOLLA,
Kowie Street.

Graham's Town,
28th June, 1889.

ISAZISO.

NDAZISA izihlobo zetu ukuba i " Family name " yetu ibingabizwa njengoko injalo, nokuba xa zindibhalelayo mazenjenje: REV. J. J. XABA, endaweni ka REV. JOHN JAMES, S. John's Mission, Umtata.

—5i317

Kwi Waggon-Makers zjntedu.

ABELISHTSHINI ababhalele kogama lingeantsi banokufumana umsebenzi ote qo, kwanomvuzo olungileyo. Mabangadendi kuba kuko indawo ezintatu esezivulekele abasebenzi.

S. D. SNOOKE.

St Mark's 28 May, 1890.—tmdd

I Ayliff Industrial Institution, (FORT PEDDIE.)

YOYULWA ngowe 31ST JULY, 1890.
Kuyakubako indawo yama Bhodas amatsha (Intombi). Kulungiselelwa ukuba kuvulwe Usikolo esitsha ekuqaleni kwelo xesha Bonke abafundayo zebabeko ngalomhla wo Mvulo. Abafuna ukungena bangasingisa ku

REV. E. GEDYE, 5i317
Durban, Fort Peddie.

KO TITSHALA.

KUFUNWA Umfundisi Wentsapo ongu Mtshetshi, oteta Isisutu (ontsundu nokuba ago mhlope), owoncedisa Ezinkonzweni. Umvuzo ngofanelekileyo. Oyifunayo wotumela ku REV. O. JOHNSON, St. Augustines, Rorkes Drift, Zululand.—

10i4990

IVENKILE YOWOHLANGA E HERSHEL.

9/TIMOTHY .K. MAYISELA & CO.

3/3 Bavule IVENKILE ngo 7th April, 1890, e
DULCIES NEK,
HERSHEL.

Batamba Umsi ukuba Ubaxhase.

Isaziso nge Concert e Bhai.

NGE 22 ku JULY, Abaculi bama Wesile ase Tinara, biya kwenza Umculo (Concert) e Bhai kwindlu ye Sikolo Semini sika Rev. B. Dlepu. Simema umsi ontsundu ose Bhni ukuba mauze usixase ngokuza : ngalomhla. Imali yalo meulo iya kuncedisa kwityala lomhlaba wendlu yomfundisi neye tyalike, otengwe ngnmzi wase Tinara ontsundu.

DAVID MSIKINYA,
2R17790 Uitenhage, July 7, 1890.

Ihashe Elilahlekileyo.

KULAHLEKE Imazi emfusakazi elingeneyo, lipanlwe i half-mantyi kweyase kunene, kwatiwa copc kweyase kohlo. Lilahleke e Lovedale Station. Ondilandisayo . wobhalela ka
DAVID MCGUWE,
Pirie, King Williamstown,
11 July, 1890.—2i247

DYER-DYER

EQONCE, KING WILLIAMS TOWN.

Bafikelwa ngamanani amakulu

Empahla Entsha Yobusika Obuzayo.

Kananjalo badwelise

IMPAHLA YAMADODA,

Ezamadoda Isuti ze Twidi ezinzinza 17/6

W. McGLASHAN & CO.,

(MAGALA),

E-DIKENI.

BAHLALA benezona mpahla zokunxiba zintsha ezona ntlobo zipilileyo ze Printi, i Satin, kwane Drillettes,

ITYALI, IZIHLANGU, NE NGUBO/

Zonke Intlobo Zabatehatayo Kwesi Siqingata, Ngamanani alungele bonke abatengi. Impahla yabo ifika ngazo zonke iveki ezimbini; kengoko impahla yabo ihleli intsha ifisa.

Ufuna into ezipilileyo, ngawona manani alula yiya kwa

W. McGLASHAN & CO.,

E-Dikeni.

Banika awona manani apakamileyo ngo BO YA, IZIKUMBA,

IMFELE, UBOYA BESEYIBOKWE njalo, Injalo IZILIMO zitengwa ngamani ase Marikeni.

UKUBA

UFUNA elona xabiso lilungileyo nge NQHOLWA,
UMBONA, AMAZIMBA, nokuba ZITAPI-
LE,

Ufuna IMBEWU ELUNGILEYO yokuhlwayela.

Ufuna owona MGUBO, nokuba zinkozo ezilungileyo zokutya.

Ufuna IMPAHLA yako ngentengiso nokutenga e Marikeni

TUMELA okanye UVE

GILBERT FOX AND SON,
MARKET SQUARE,
KING WILLIAMS TOWN.

IFANDESI ELIKULU

-LE
MPAHLA NE NGUBO,
-KWA-
GIBBERD & BRYANT.

ZIYAL AHLWA !

I-kaliko emhlope iqalela kwi 21/2d.

I-lokwe ziqalela kwi 3M.

EZISEKOYO !! EZISEKOYO !!

NGAMATAMSANQA AMAKUL U!!!

Eza 25s, Isuti-Zamadoda ze zitofu zitotyelwe kwi 14/11. Ibatyi Zezitofu Zamadoda ziqalela kwi 311. Ibhulukwe Zezitofu ngesiqingata se xabiso.

KUXONYWE NGAZO

GIBBERD & BRIANT,

E-QONCE

Iveki.

MCGIDDY no Jefferson amabantinti abebaleke nomnye obanjwe ngeviki engapaya bayebabanjwa sebese Clanwilliam.

IQELA lama Zulu elilwe emududweni kushatwa e Tshowe, lihlahlusiwe, kungene imali yezi kwi Rulumeni £400.

I-PALAMENTE yama Bhulu e Transvaal yenze umteto ayakuti pantsi kwawo otengelele umntu omnyama utywala adliwe imali engengapantsi kwo £24, ngapezu koku ivalwe inkanti yake.

UMHLA wesitatu kule imiyi, ubungumhla omkulu e Nyanyadu, Natal, ekwabekwa ngawo ilitye lendu ye cawa yakona ngu Mr. James Mtembeni.

ENTSHATSHONGO kuvulwe ngo 22 June ityalike entsha yase Rabe, abashumayeli ingo Rev. Dr. Ross no Rev. Dr. Soga. Ixabiso letyalike laye liku £306, intlanganiso yalomini yapelelwa kwi £150.

KUTIWA induna apa ka Cetyawo ebfudula idumile u Mnyamana ifa ngokukulu.

UKUFIKA kwama Tshayina e Kimberley kuyarorelwa kanye. Sekuke kwako intlanganiso ebalulekileyo—ukuvakaliaa incaso yomzi.

NGO 29 May, kuvulwe ikeri yase Wesile e Kelvingrove e Natal. Abafundisi ababeko ngo Rev. J. Metcalf no Rev. A. P. Chaplin abati bashumayela kammandi. Abanye kubafundisi ababeko ngo Rev. B. Taylor, Rev. D. Lutuli, Rev. R. Xala.

UKULUMENI wase Natal unezigithimi ezikwipeshaya ko M'bhase, ezimfunela abasebenzi bakaloliwe. Tmpo emnyama ibunqumngqisi kuba isiti ikolisa ngokukohliswa ngaba koatleiki, ingati nokuba iyaya ingaziyela.

ELILITYE lisila iflawa lase Qonce lide latumela e Russia nase Australia nkuba lifumane ingqolowa, eliyakusila yona de silunge eselilizwe isivuno. Kuvakala ukuba ixabiso eliyakulelwa ingqolowa evela kwamanye amazwe liyakufika kwi £250,000.

UBU Archdeacon base Kokstad obebuno Bishop Gibson oya kwa Zulu bunikwa u Rev. T. Chamberlain, M.A., wase Monti.

AMANANI arolelwe impahla ehambayo kumsito obuse Mtonjeni kulomandla ahambe kwi 12s ne 15s. ihamile; £5 ne £8 inkabi.

UMLUNGU wenkanti ongn Dantzig e Johannesburg udlwe £50, yavalwa inkanti yake ngokutengisela u Kafile.

IXABISO loboya linyuke nge Id, kwimi. sito yase London, ngeviki egqitileyo.

IRULUNELI yase Natal u Sir Charles Mitchell, ubekile ilitye letyalike eyakiwa e Geordedale ngama Wesile ngo June 30. Iruluneli itete amazwi okukhulisa isiti iyavuyiswa kubona ityalike zivulwa; inga yinto entle nkuzibona ziko kwindawo zonke ezinabantu. Ute onke ama Kristu makabe ngabafundisi ngezimilo zawo, kuba oudelwe ngabangakolwayo, abayakuti bakuwabona esenza into zemvelo, bati aknko nto kanti kulento iyinkolo.

E MOSSELBAY ngo-Mgqibelo ongapayn ute um'bhaxeshi ngwelo esihla ngedesil-bom wexha ngengubo entweni wati ukwala walunga nemilenze eyivotele esifubeni, wafa kwa-oko.

AMABHULU amabini abulele kakubi umntu omnyama ngase Kantor kufupi ne Barberton. Aqale ngokumkaba, aza akubon' nkuba enenjalo amnyatela ngamahashe wafa. Sekufunyanwa umfazi walomfo elila pezu kwesidumbu sendoda yake, ati oku kubangwe kukuba isuke indoda leyo yanqanda inkabi emhlabini yama Bhulu lawo.

KUBEKUKO intlanganiso enkulu ngobusuku bolwesi-Ne Iwegqitileyo e Kapa, ukuxhasa uluvo lwaba picoti-bonkilo ngendawo ezipatelele ekulaweni kokutengiswa kotywala kontsundu. Intlanganiso ibipetwe linene elingu Mr. H. Beard, ote wangungwa ngo Rev. Dr. McCarthy, Rev. Father Osborne, Rev. Rice Thomas, Captain Hollis, j Hon. A. Wilmot, M.L.C., Hon. G. Blaine, M.L.C., Hon. C. W. Hutton, M.L.A., Mr. I. T. E. Fuller M.L.A., no Dr. Jane E. Waterstone,

seyoqutywa ngu Rulumeni omtsha. Upume ecaleni u Sir GORDON ngelithi ingxelo abezakuyinika yebibambe ukuba yeyohlobo olutile wasuka wayihambisa; yaselimnya mezela i Palamente. Egqibile ute malahlukane ibandla de kube ngo Mvulo. u Mr SAUER ute endaweni yo Mvulo mayibe lolwesi Tatu Iwale; kude kwahlulelwana kwema ngelika Mr. SAUER. Ngolwesi Hlanu u Sir GORDON uvakalise kwibandla lengwevu ukuba isaziso sokupuma em'busweni usinike i Ruluneli ngezelo; yasamkela. Selebambele u Rulumeni omtsha ngoku de amiswa. Ruluneli itumele ku Mr. SAUER ukuba amise u Rulumeni endaweni ka Sir GORDON. Uqale kwango lwesi Hlanu lomnumzana ezama imvisiswano nabaxhasi bake kude kwangolwesi Bini olu, ekubonakele ukuba impi ema Bhulu edinwe ngu Sir GORDON SPRIGG ayisakulahlaza mzimba pantsi ko Mr. SAUER, inga umbuso ungamiswa yenye indoda yelocala lo Mr. SAUER etenjwe kanye nangama Bhulu—lowo ke ngu Mr. RHODES. Use elo kwi Ruluneli u Mr. SAUER, ote nakubeni anako ukumaka u Rulumeni, kodwa kubonakala kungalunga okunye ebize indoda enjengo Mr. RHODES enokuti idibanise iqela elininzi labetelela kuyo nangapezu kokuba enjalo yena Mr. SAUER. Ibezite u Mr. RHODES i Ruluneli; esigqibele kusitwa akasakupata sebe lamsebenzi yena woba yinkulu kodwa yombuso. Ibandla ayakubhunga nalo ngo Messrs. SAUER, MERRIMAN, INNES, SIVE- WRIGHT no MARRAIS. Eliqela litsha ngokumisa indoda kwi ofisi ye Micimbi Yabantsundu kumhlope ukuba alisakuyibhuhisa. Linqaku elihleke eli abaqala ngalo. Lamane ebesakuma kunye kakade ngezamini zo Rulumeni wokuqala ka Sir GORDON ukumchasa kuma-bhuhubentsu aka mayelana nempato yabantsundu. Ati ukuze ahlukane kwakula ibhongo apa le Mbumba Yamabhulu lokugxota um'buso wama Ngesi kweli, kuvelele owawo. Namhla litshabalele elobhongo; esiti yiyo lonto abuyeleneyo ekubeni ayehlukene ngo 1884. Ibhunga elino Messrs. SAUER, INNES, SIVEWRIGHT abahlobo be-mfanelo kontsundu, laza la n o Messrs RHODES, MERRIMAN no MARRAIS abate noko bengapokele ngobuhlobo bahlala beyityiye into yokuba abe usamana enqwanjwanjwanjwa omnyama— lililitembi-saq mayelana nentlalo yokupumla kwetu. Zinokuhanjiswa izinto zamalungelo abantsundu pantsi kwalombuso mtsha umntu elahle umzimba.

Kwi Bhunga elipete umzi wase Johannesburg, u Dr. Matthews waneke ingxelo yonyaka engempilo yabantu kulowomzi, engokuba kubhubhe (abamhlope bodwa) ama-doda a 434, amankazana 182; okokuti kwi waka labantu kufa 38'5. Ugqira nti okukufa kungaka kubangwa ngamanzi angulungi. leyo.

USUKU olumiselwe unyulo Iwelungu lase I Somerset East esikndleni sika Sir J. A. de Wet, lolwe 12 August. Amadoda akankanywa ngokungati ayakuba pambi komzi ngolnyulo ngo Mr. G. M. Palmer, Mr. H. J. Moolman, Sen., Mr. H. J. Monlman, P's son, Mr. du Plessis, no Dr. Moolman, Kokwetu ukubona akungebe naninani u Dr. Moolman kulumpi.

UNYULO lwamalungu e Bhodi yase Nxukwebe nkonyaka oqala ngo 1 August, ngo Messrs. Jantyi Jonas, Henry Mbikwana no William Ndazi.

INKULU ye Jaji zeli u Sir H. J. de Villiers ukwele emkombeni ukubuya e Ngilani ngeviki engapaya,

U REV. T. S. MERRINGTON, wehlelo lase i Dipente e Bhai, ubhnbhe ngebhaqo ngo.-lwesi Bini Iwegqitileyo. Uwe ebenyuka nge Havelock Street esiya kwintlangani. swana ebikwa Mr. T. Stevenson. Ubenesifo ekutiwa sentliziyo.

SIVA ngati amadodana ebala abehambisa, incwadi zocingo nezeposi e Kimberley, agqibe kwelokuwuyeka lowomsebenzi kuba , kusuke kongezelelwa kuwo owokulungisa indawo zangasese ngabongameli. Njengokuba ezakuba selulaulweni u Mr. Sivewright uvawulela abetu lomsebenzi ngebe. bhanela kuye.

INKULU ye Jaji zase Natal, u Sir Henry Connor, ubhubhe ngo-Mgqibelo ogqitileyo.

NGO-MGQIBELO e Tinaru kubulele inkwenkweni yomlungu yenye bebesilwa. Efileyo ityalwe yayakuwa pezu kwelitye—laqam' itshoba.

NGASE Bhai umlungu ongn Hatagar uzibulele ngokuzixhoma emnti. Ubudala ube 68 iminyaka, waye ebesela nzima, ekingelwa ukuba siqamo sako esi zenzo.

ENYE ingozi yedeselbom ixelwa ngase Nyara, ubom akuko temba ngabo.

U MR. A. D. THOMPSON wangase Mka. ngcio, wenziwe umhloli webhula kwa Qobo.

Imvo Zabantsundu

NGOLWESI-NE, JULY 17, 1890.

INGUQULO YOBU RULUMENI.

KWIPEPA elandulela eli bokumbula abafundi balomhlati ukuba savakalisa ukuba 'nhu Rulumeni buka Sir GORDON SPRIGG buhopile. Namhla esinazo zezokuba bupumile ekupateni imicimbi yom'buso yeli lizwe. Kuvakala ukuba indoda ipume inga ingepumi. Kekwako kumadoda abesakumxhasa iqela eliti mangapumi ewongeni noko lidlale ngaye ibandla ekuboniseni ukungamtembi kwalo kumcimbi kaloliwe, kwafumaneka ukuba ekubeni eku 28 amadoda ati axolile ukumxhasa kwakona, amashumi amatatu anesibini awasengaye, kwaye kuko alufihlileyo uluvo Iwawo. Ufumene ke u Sir GORDON enyanzelekile, xa inani labaxhasi lincipile, ukuba aroxwe kwisihlalo sokulauJa abesibambile lemnyaka mitandata. Ngo-Iwesi Ne ukudibana kwe Palamente uvakalise ukuba uzakuqaba ingxelo engemali apume. Uyimqange lonto u Mr. SAUER ote longxelo

seyoqutywa ngu Rulumeni omtsha. Upume ecaleni u Sir GORDON ngelithi ingxelo abezakuyinika yebibambe ukuba yeyohlobo olutile wasuka wayihambisa; yaselimnya mezela i Palamente. Egqibile ute malahlukane ibandla de kube ngo Mvulo. u Mr SAUER ute endaweni yo Mvulo mayibe lolwesi Tatu Iwale; kude kwahlulelwana kwema ngelika Mr. SAUER. Ngolwesi Hlanu u Sir GORDON uvakalise kwibandla lengwevu ukuba isaziso sokupuma em'busweni usinike i Ruluneli ngezelo; yasamkela. Selebambele u Rulumeni omtsha ngoku de amiswa. Ruluneli itumele ku Mr. SAUER ukuba amise u Rulumeni endaweni ka Sir GORDON. Uqale kwango lwesi Hlanu lomnumzana ezama imvisiswano nabaxhasi bake kude kwangolwesi Bini olu, ekubonakele ukuba impi ema Bhulu edinwe ngu Sir GORDON SPRIGG ayisakulahlaza mzimba pantsi ko Mr. SAUER, inga umbuso ungamiswa yenye indoda yelocala lo Mr. SAUER etenjwe kanye nangama Bhulu—lowo ke ngu Mr. RHODES. Use elo kwi Ruluneli u Mr. SAUER, ote nakubeni anako ukumaka u Rulumeni, kodwa kubonakala kungalunga okunye ebize indoda enjengo Mr. RHODES enokuti idibanise iqela elininzi labetelela kuyo nangapezu kokuba enjalo yena Mr. SAUER. Ibezite u Mr. RHODES i Ruluneli; esigqibele kusitwa akasakupata sebe lamsebenzi yena woba yinkulu kodwa yombuso. Ibandla ayakubhunga nalo ngo Messrs. SAUER, MERRIMAN, INNES, SIVE- WRIGHT no MARRAIS. Eliqela litsha ngokumisa indoda kwi ofisi ye Micimbi Yabantsundu kumhlope ukuba alisakuyibhuhisa. Linqaku elihleke eli abaqala ngalo. Lamane ebesakuma kunye kakade ngezamini zo Rulumeni wokuqala ka Sir GORDON ukumchasa kuma-bhuhubentsu aka mayelana nempato yabantsundu. Ati ukuze ahlukane kwakula ibhongo apa le Mbumba Yamabhulu lokugxota um'buso wama Ngesi kweli, kuvelele owawo. Namhla litshabalele elobhongo; esiti yiyo lonto abuyeleneyo ekubeni ayehlukene ngo 1884. Ibhunga elino Messrs. SAUER, INNES, SIVEWRIGHT abahlobo be-mfanelo kontsundu, laza la n o Messrs RHODES, MERRIMAN no MARRAIS abate noko bengapokele ngobuhlobo bahlala beyityiye into yokuba abe usamana enqwanjwanjwanjwa omnyama— lililitembi-saq mayelana nentlalo yokupumla kwetu. Zinokuhanjiswa izinto zamalungelo abantsundu pantsi kwalombuso mtsha umntu elahle umzimba.

Abafundisi ababekokuyiwe ngaba — Revs. A. F. Bulmer wase Kimberley; W. Forbes wase Kapa; S. J. Helm wase Rini; T. G. Jones wase Hackney; W. Oates wase Somerset East; T. Durant Philip B.A., wase Lovedale; J. F. Philip B.A., wase Bedford; C. Phillips wase Graaff-Reinet; J. Pritchard wase Port Elizabeth ! J. Ramage wase Dysseldorp; J. P. F. Read wase Phillipbn; J. P. Ritchie wase Queenstown; W. Rubusana wase Pecton; S. Sijhali wase Cala; S. Sihunu wase Tinaru; J. Van Rooyen wase Tinaru; T. S. Van Rooyen wase Kimberley N. Matodlana wase Hankey kwano Mr. Isaac Wauchope ofundela ubufundisi e Dikeni.

ABATUNYWA abavela kwindawo-ngeednawo bebeko kakulu —sesiya kukankanya abakutshwe ziramente ezintsundu. Eyase Cala itumele u Mfengu Sisilalna, eyase Ggugesi u Mr. Xegwana Joseph no Mr. Peter Congwane, eyase Ncenera Mr. A. Maci, eyase Hankey Mr. Chas. Bell, eyase Mta Mr. Z. Kondlo.

ABEBENGEKO. Ingxoxo ziqale ngo-Mgqibelo nakuba kwake kwahlanganwa ngolwesi-Hlanu. kuqutywe ngoluhlobo:— I. Kubuzwe amagama abafundisi abalunge nolumanyano — o Revs. T. J. Lloyd, T. S. Merington, T. J. Paterson, James Read, Senior, N. Goezaar, J. Harper, batumele izaziso zokuxakeka kwabo. U Rev. W. Dower wase Kokstad upendule ngokuxela ivesi esi Bhalweni ku Nehemiya 6 3, amazwi ati "Ndenza umsebenzi omkulu, ndikohlilwe kukuhla ke yimna ukuba kungamke umsebenzi ngokuyakuba ndihle ukaza kuni?" Yinto eculule umhlambi ngentsini lize.

UKUMA KWEMALI. 2. Kufundwe ingxelo ye Executive Committee exela imicimbi equtywe kulo mnyaka. Emva koko Kufundwe ingxelo yemicimbi yemali ebonise ukuba imali engenileyo ngalomnyaka yi £518 17s 6d. Incito yi £157 6s, useleyo yi £361 1s 6d. Kwimali ye College Committee kusele £92 emva kwencito.

ABAFAYO NAB A FELWEYO. Kugqitywe ekubeni kubhalwe incwadi zokutuzela Umfundisi u Rev. Richard Birt wase Ncenera no Hon. Charles Brownlee kwano Rev. James Read abafayo; nenye eya ku Mrs Atkinson wase Placardorp osandulukufelwa yindoda.

AMAGOSA OMNYAKA. Amagosa omnyaka ozayo ngala — U Henry Bread Esq., wase Kapa yi Chairman. u Rev. J. P. Ritchie wase Komani yi Vice-chairman, Amagosa Egitimu— Rev. J. T. Lloyd yi Chairman, Rev. James Pritchard Secretary, Mr. J. W. Goldsbrough Treasurer. Amanye amalungu Equmru ngala:— Revs. N. Goezaar, G. Y. Jeffrey, T. S. Merington, T. J. Paterson, J. Van Roooyen, Sam. Sihunu, John MacKay, Esq., M.L.A., R. King, Esq., W. P. Finn, Esq., C. Siefeldt, and R. Gallant.

NGEMFUNDO. I Committee emiselwe ukukangela izinto zemfundo malunga necebo elitsha lika Sir Langham Dale kutiwe mayibe ngo Rev. Forbes, Rev. T. D. Philip no Rev. J. P. Ritchie, kunye ne Qumru leli Bandla.

INTSHUMAYELO. Ngo 30th June, 1890. Kunikwe umbulelo ko Rev. W. Forbes, Rev. T. van Rooyen no Rev. S. Sihunu ngentshumayelo zabo zomnyaka.

OBENGATUNYIWE. U Mr. Kondile Ncoyo wase Knapps Hope kutiwe akana kwamkelwa njen'e Delegate kuba engatunywani yi ramente, kodwa noko wawunyelwa ukuba akutete oko azele kona.

NGEMFUNDO YABAFUNDISI. U Rev. T. Durant Philip ufunde ingxelo yokuquba kwemfundo e Lovedale ebonise ukuba amadodana afundela ubufundisi kona aquba kakuhle. Uncomo kakulu ngolwaka uhlobo wada wati u Mr. Wauchope no Mr. Weis banambili kubo bonke e Lovedale. UtakaSeS kakulu umhlambi ukuba indaba ezinjalo. U Rev. W. Forbes umgeini wemali zokuxasa abafundela ubufundisi ufunde ingxelo ebonisa ukuba lomali ibinca £354. Kupume kuyo £200 umvuzo we professor, ne £40 ingxaso ka Mr. Wauchope veminyaka emibini e Lovedale kwaza kwasala £14.

ABA VANGELI. K-Umiswe i Committee yokufimszda uhlobo olufanekilekileyo lokuqeqeshwa kwaba V angeli, ikwenze oko ngokubhalelana nendawo ezinje nge Healdtown nezinye ezinqesha aba Sihilayeli. Kanjako kukangela wendlela engavela ngazo imali yokuxasa abafuna ukufundela ubu Vangeli. Lomsebenzi ushiyelwe ku Mr. Forbes no Mr. Philip. Kubalwe incwadi yokutuzela uni V angeli ofayo u Mr. David Scheepers, k va nomfundisi omdala u Rev. James Read, senr., ekuvakala ukuba akapilile.

ABATUNYWA KWINGQUNQUTELA. Malunga ne Ngungqutela eya kuba se London (peshaya) ngomnyaka ozayo apo kuya abafundisi bazo zonke imanyano ezinje ngolu lwetu. Kugqitywe ekubeni kukutshwe abafundisi "babini— smhlope nontsundu — ukuya kuba zindlebe zolu manyano lwetu. Unyulo lwabo lushiyelele kwi Qumru nabafundisi bonke.

EBONYAKA OZAYO. Intlanganiso yomnyaka ozayo iyakuba e Kapa. Abamiselwe ukuzé bashumayele kona ngaba: Rev. C. Phillips (English), Rev. G. B. Anderson (Dutch), md Rev. S. Sijhali (Kafir), no Dr C. Iray e Claremont.

INTLANGANISO ZEZIQTNGATA. Icebo lika Rev. John Harper lokuba cubeko intlanganiso zeziqingata (eziyele ekwezi zama Wesile) eya kuxoxwa cuzo imicimbi ukuze yandule ukuza tweyomnyaka, kutiwe maze alihambise iUbufundisi be Ramente zetu bonke eve imbjiyi, wabo.

AMABAMDU ASE DEPEHTE. (CONGREGATIONAL UNION.)

Intlanganiso yomnyaka yelibandla ihleli e Somerset East nonyaka. Abafundisi

ABEBEKO KUYO ngaba — Revs. A. F. Bulmer wase Kimberley; W. Forbes wase Kapa; S. J. Helm wase Rini; T. G. Jones wase Hackney; W. Oates wase Somerset East; T. Durant Philip B.A., wase Lovedale; J. F. Philip B.A., wase Bedford; C. Phillips wase Graaff-Reinet; J. Pritchard wase Port Elizabeth ! J. Ramage wase Dysseldorp; J. P. F. Read wase Phillipbn; J. P. Ritchie wase Queenstown; W. Rubusana wase Pecton; S. Sijhali wase Cala; S. Sihunu wase Tinaru; J. Van Rooyen wase Tinaru; T. S. Van Rooyen wase Kimberley N. Matodlana wase Hankey kwano Mr. Isaac Wauchope ofundela ubufundisi e Dikeni.

ABATUNYWA abavela kwindawo-ngeednawo bebeko kakulu —sesiya kukankanya abakutshwe ziramente ezintsundu. Eyase Cala itumele u Mfengu Sisilalna, eyase Ggugesi u Mr. Xegwana Joseph no Mr. Peter Congwane, eyase Ncenera Mr. A. Maci, eyase Hankey Mr. Chas. Bell, eyase Mta Mr. Z. Kondlo.

ABEBENGEKO. Ingxoxo ziqale ngo-Mgqibelo nakuba kwake kwahlanganwa ngolwesi-Hlanu. kuqutywe ngoluhlobo:— I. Kubuzwe amagama abafundisi abalunge nolumanyano — o Revs. T. J. Lloyd, T. S. Merington, T. J. Paterson, James Read, Senior, N. Goezaar, J. Harper, batumele izaziso zokuxakeka kwabo. U Rev. W. Dower wase Kokstad upendule ngokuxela ivesi esi Bhalweni ku Nehemiya 6 3, amazwi ati "Ndenza umsebenzi omkulu, ndikohlilwe kukuhla ke yimna ukuba kungamke umsebenzi ngokuyakuba ndihle ukaza kuni?" Yinto eculule umhlambi ngentsini lize.

UKUMA KWEMALI. 2. Kufundwe ingxelo ye Executive Committee exela imicimbi equtywe kulo mnyaka. Emva koko Kufundwe ingxelo yemicimbi yemali ebonise ukuba imali engenileyo ngalomnyaka yi £518 17s 6d. Incito yi £157 6s, useleyo yi £361 1s 6d. Kwimali ye College Committee kusele £92 emva kwencito.

ABAFAYO NAB A FELWEYO. Kugqitywe ekubeni kubhalwe incwadi zokutuzela Umfundisi u Rev. Richard Birt wase Ncenera no Hon. Charles Brownlee kwano Rev. James Read abafayo; nenye eya ku Mrs Atkinson wase Placardorp osandulukufelwa yindoda.

AMAGOSA OMNYAKA. Amagosa omnyaka ozayo ngala — U Henry Bread Esq., wase Kapa yi Chairman. u Rev. J. P. Ritchie wase Komani yi Vice-chairman, Amagosa Egitimu— Rev. J. T. Lloyd yi Chairman, Rev. James Pritchard Secretary, Mr. J. W. Goldsbrough Treasurer. Amanye amalungu Equmru ngala:— Revs. N. Goezaar, G. Y. Jeffrey, T. S. Merington, T. J. Paterson, J. Van Roooyen, Sam. Sihunu, John MacKay, Esq., M.L.A., R. King, Esq., W. P. Finn, Esq., C. Siefeldt, and R. Gallant.

NGEMFUNDO. I Committee emiselwe ukukangela izinto zemfundo malunga necebo elitsha lika Sir Langham Dale kutiwe mayibe ngo Rev. Forbes, Rev. T. D. Philip no Rev. J. P. Ritchie, kunye ne Qumru leli Bandla.

INTSHUMAYELO. Ngo 30th June, 1890. Kunikwe umbulelo ko Rev. W. Forbes, Rev. T. van Rooyen no Rev. S. Sihunu ngentshumayelo zabo zomnyaka.

OBENGATUNYIWE. U Mr. Kondile Ncoyo wase Knapps Hope kutiwe akana kwamkelwa njen'e Delegate kuba engatunywani yi ramente, kodwa noko wawunyelwa ukuba akutete oko azele kona.

NGEMFUNDO YABAFUNDISI. U Rev. T. Durant Philip ufunde ingxelo yokuquba kwemfundo e Lovedale ebonise ukuba amadodana afundela ubufundisi kona aquba kakuhle. Uncomo kakulu ngolwaka uhlobo wada wati u Mr. Wauchope no Mr. Weis banambili kubo bonke e Lovedale. UtakaSeS kakulu umhlambi ukuba indaba ezinjalo. U Rev. W. Forbes umgeini wemali zokuxasa abafundela ubufundisi ufunde ingxelo ebonisa ukuba lomali ibinca £354. Kupume kuyo £200 umvuzo we professor, ne £40 ingxaso ka Mr. Wauchope veminyaka emibini e Lovedale kwaza kwasala £14.

ABA VANGELI. K-Umiswe i Committee yokufimszda uhlobo olufanekilekileyo lokuqeqeshwa kwaba V angeli, ikwenze oko ngokubhalelana nendawo ezinje nge Healdtown nezinye ezinqesha aba Sihilayeli. Kanjako kukangela wendlela engavela ngazo imali yokuxasa abafuna ukufundela ubu Vangeli. Lomsebenzi ushiyelwe ku Mr. Forbes no Mr. Philip. Kubalwe incwadi yokutuzela uni V angeli ofayo u Mr. David Scheepers, k va nomfundisi omdala u Rev. James Read, senr., ekuvakala ukuba akapilile.

ABATUNYWA KWINGQUNQUTELA. Malunga ne Ngungqutela eya kuba se London (peshaya) ngomnyaka ozayo apo kuya abafundisi bazo zonke imanyano ezinje ngolu lwetu. Kugqitywe ekubeni kukutshwe abafundisi "babini— smhlope nontsundu — ukuya kuba zindlebe zolu manyano lwetu. Unyulo lwabo lushiyelele kwi Qumru nabafundisi bonke.

EBONYAKA OZAYO. Intlanganiso yomnyaka ozayo iyakuba e Kapa. Abamiselwe ukuzé bashumayele kona ngaba: Rev. C. Phillips (English), Rev. G. B. Anderson (Dutch), md Rev. S. Sijhali (Kafir), no Dr C. Iray e Claremont.

INTLANGANISO ZEZIQTNGATA. Icebo lika Rev. John Harper lokuba cubeko intlanganiso zeziqingata (eziyele ekwezi zama Wesile) eya kuxoxwa cuzo imicimbi ukuze yandule ukuza tweyomnyaka, kutiwe maze alihambise iUbufundisi be Ramente zetu bonke eve imbjiyi, wabo.

INGOQESHO YOTITSHALA. U Rev. C. Phillips wase Rafa ungenise icebo lokuba abafundisi bazame ukuqeqesha amadodana anje nge titshala ezi-pantsi kwabo ebu Vangelini ngokuba nika izifundo ezitile. Lendawo ute ayi casene nokutunyelwa kwabo e Dikeni, kodwa kukunceda abangena malungelo okuya kona. Yamkelwa ngovuyo lendawo. [Nantso ke itshanis madodana. EDITOR Imvo.]

UMBULELO. Isé July, 1890. — Kwenziwe umbulelo woncedo olufunyanwa lolumanyano e Dikeni ngenxa yezibele zika Dr. Stewart. IBANDLA ELISE NYARA. Abantu base Nyara bafuna umshumayeli ontsundu, kodwa ke basemva nge minikelo, into ke ebanga ukutandabuza kumalungu omanyano ukuba angaba nokuxhaswana umntu atunyele kona, kubhalwe incwadi ebulela Zusebenzi owenziwa ngu Mr. Gladwin fona.

IMITETO YERAMENTE. U Rev. C. Phillips, S. Sijhali, W. Cates no S. J. Helm banuselwe ukukanele imiteto engenziwayo yokukokela iramente zetu ngokukodwa ezitshala.

ABATUNYWA. Iramente ezitumela abafundisi kwi Union, inazibatumele ngabanye, ukuba bangapezulu kwelbnani, mnye kupela oyakuncedwa yi Union ezindlekeweni zehambo yake, nakuba beyakuvunyelwa ukuba bategi bobabini. Ekubeni lenyanga sihlange ngayo (u June) ibanda, kugqitywe ekubeni sihlange ngo September. Kugqitywe ekubeni umsebenzi uqutywe nase Transvaal. U Mr. Newton umshumayeli ucelwe yi ramente yase Dysseldorp, kwavunyelwana ukuba abekwe isandla ngokubona kwe Qumru.

Malunga nesicelo seramente entsundu yase Hankey sokuba inikwe u Mr. Nathaniel Matodlana abe ngumfundisi wayo ekubeni ixesha lika Rev. Henry Kayser lipellelwe ngo June kona, kutiwe, nakuba u Mr. Matodlana ekufanele ukungeniswa ebufundisini obuzuleyo kuba wapumelela ngokuncomekayo eluvineni lwake, akubonakali okwangoku ukuba yahlulwe kubini iramente yase Hankey —eye Holanisi neyama Xhosa — kuba ingekaziwa into eyakwenziswa libandla le London Missionary Society ngomzi wase Hankey. Makake aqube ngoku shumayela kona u Mr. Matodlana, zonke incwadi eziya e Haukey ziya kntunyelwa kwi endaweni ka Mr. Kayser ekufuneka ede waya e Knapps Hope apo acelw' kona.

AMABANDLA AMATSHA. Kuko ibandla labamhlope eliyakuqalwa e Tsoelveni. Elase Murraysburg eliquzuke kwi Dutch Reformed Church, Koko kubalelwe kntfundisi wakona pambi kokuba lamkelwe lolumanyano.

